basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESITHATHU (P3)

## FEBRUWARI/MATSHI 2016

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha ama-6.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ube MNYE KWICANDELO NGALINYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ngqongqo ukuba usebenzise malunga nama:

   - 80 emizuzu kwiCANDELO A
   - 40 emizuzu kwiCANDELO B
   - 30 emizuzu kwiCANDELO C

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Izinto ezindonwabisayo. **[50]**

1.2 Imihla ayifani. **[50]**

1.3 Ubomi ngexesha leselula. **[50]**


1.4 Indlela abantu abasebenzisa ngayo amalungelo abo. **[50]**

1.5 Imvumi edumileyo. **[50]**

1.6 Umzali wam uyinto yonke kum. **[50]**

1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho.

1.7.1




[Uthathwe kwiwww.Yalo cartoons wahlelwa] **[50]**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### UMBUZO 2

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100.

2.1 **ILETA ESESIKWENI**

Bhala ileta eya kuManejala ukhalazele imveliso oyithengileyo kwivenkile yakhe. **[30]**

2.2 **IOBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari yomntu obenegalelo elikhulu ekuhlaleni. **[30]**

2.3 **INGXELO ENGEKHO SESIKWENI**

Bhala ingxelo oza kuyinika abafundi emalunga nokuya kwenu kukhuphiswano lwemidlalo yeqonga. **[30]**

2.4 **INTETHO**

Bhala intetho malunga nokubaluleka kwemizuzu engama-67 katat' uMandela. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

### UMBUZO 3

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80. (Umxholo kuphela.)

3.1 **IPOWUSTA**

Bhala ipowusta yeshishini lokuthengisa iindidi zeziselo. **[20]**

3.2 **IPOSIKHADI**

Bhala iposikhadi eya kumtshana wakho malunga nohambo lwakho lwase-Melika. **[20]**

3.3 **IMIYALELO**

Bhala umyalelo wokwenza iti. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**